16

Isothuso sezothuso

Ubomi obutsha



Umama ubuya esibhedlele endiphathele isothuso sezothuso.
Uthi nanku umntakwethu uBart, hayi ayandonwabisa mna loo nto!
Hayi, andiyifuni le nto, lo mntwana uza kuthatha indawo yam, ndacinga njalo.
Uza kube ejweda ekhala, abhodle asuze, abe esoloko eyinto eleleyo iimini ezi.
Ndiyemka mna apha, ngoku kunjalo nje,
na-a-ko ndinkqenkqeza ukuya kutshona emlanjeni.
Ndiya kuzifihla apho ngokunokwam, ndibaleka lo Bart.

Ndikhe ndema, ndiginya iphika, ndaqaphela nto:
Kulaa ndawo ndandigqibele kukho umbungu, ndifika kukho ibhabhathane!
Kwakukho amantshontsho endlwini yemivundla, kwakuhluma amathupha amatsha emithini.
Iintyatyambo zaziqhakraze ngngamablom amahle, kukho neentaka neenyosi ezininzi kuzo.
Amadada asekhaya ayenamantshontsho,
izikhukukazi nazo ziqanduesele, Kwakukho nentshontsho lehashe phaya esitalini,
ligxadazela ngaloo milenzana yalo ibhityileyo, lisiwa ngapha nangapha.



Tyhini, akukho nto ibitheni yaba ibingathangani, mos,
le yile nto iqhele ukwenzeka eNtwasahlobo,
Ubushushu belanga buya bukhula, indalo ihlaziyeka okutsha,
nabantu baqalise ukucula bonwabile,
Ndajika ndagoduka, ndachwechwa ukunyuka iziteps, ukuya
kungena kwamdlezana, Ndajonga lo
mntakwethu mtsha, naye wandijonga.
Waba ngathi uthi, ungahlupheki mntakwethu,
akufanga mntu apha,
Yeka nje ndikhule, uza kubona, ndiza kuba
ngoyena mhlobo wakho mkhulu!

